VAKALISA ULUVO LWAKHO !

UMGAQONKQUBO OLUYILO ONGOKUTHINTELA UBUQHOPHOLOLO NESICWANGCISO SOKUSABELA KWIZENZO ZOBUQHOPHOLOLO KUNYE NOMGAQONKQUBO OLUYILO WOKUDIZA IZENZO ZOBUQHOPHOLOLO

ISixeko saseKapa singenisa uMgaqonkqubo waso oluyilo ongokuThintela uBuqhopholololo nesiCwangciso sokuSabela kwiZenzo zoBuqhopholololo kunye noMgaqonkqubo oluYilo wokuDiza iZenzo zoBuqhopholololo ukuze uluntu luhlomle kuyo.

Iinjongo zoMgaqonkqubo ongokuThintela uBuqhopholololo nesiCwangciso sokuSabela kwiZenzo zoBuqhopholololo koku:
- Ukwazisa abasebenzi malunga noxanduva lwabo lokukhusela izibonelelo zoluntu kumngcipheko worhwaphilizo, ubuqhopholololo kunye nezinye izenzo zolwaphulomthetho kunye nolawulo olugwenxa.
- Ukucacisa uxanduva lothintelo kunye nokubhaqwa korhwaphilizo, ubuqhopholololo kunye nezinye izenzo zolwaphulomthetho kwakunye nolawulo olugwenxa ngabasebenzi beSixeko, amaqumrhu kamasipala, ii-arhente, oonokhontraki, ababoneleli okanye ababoneleli ngeenkonzo.
- Ukukhuthaza bonke abasebenzi ukuba basebenze ngokunyaniseka nangemfezeko ngamaxesha onke, kunye nokudala indlela yokusebenza eqhutywa yindlela eyamkelekileyo yokuziphatha.
- Ukwazisa abantu malunga nokuxelwa kweziganeko zokwenyani okanye ezikrokrelekayo zobuqhopholololo, urhwaphilizo kunye nezinye izenzo zolwaphulomthetho kwakunye nolawulo olugwenxa kwisiXeko

Iinjongo zoMgaqonkqubo wokuDiza iZenzo zoBuqhopholololo koku:
- Ukwazisa umqeshwa okanye umsebenzi ukuba kukho umthetho olawula ukudiza izenzo zobuqhopholololo kunye nokubaluleka kokuthotyelwa kwaloo mthetho xa kudizwa] izenzo zobuqhopholololo ezixeliweyo.
- Ukuqinisekisa abaqeshwa nabasebenzi ukuba bakhuselekile emsebenzini (umzekelo kwimpindezelo okanye ukuxhatshazwa) ngenxa yokudiza izenzo zobuqhopholololo ngokunyanisekileyo.
- Ukubonelela ngamaqonga, kwisiXeko, apho abaqeshwa nabasebenzi banakho ukudiza izenzo zobuqhopholololo ngokukhuselekileyo
- Ukwazisa abaqeshwa nabasebenzi ngamanyathelo abanokuwathatha ukuba ngaba abanelisekanga yimpendulo emva kokudiza izenzo zobuqhopholololo ngokukhuselekileyo.
- Ukubonelela ngenyathelo lolungiso kwimeko apho umqeshwa okanye umsebenzi edize izenzo zobuqhopholololo ngkhuselekileyo ngentembeko kwaye, ngenxa yoko, achaphazeleke emsebenzini.

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongoBurhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikamasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kunye nemibutho okanye amaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa izimvo, isindululo neengcebiso kumasipala. Isithuba sokungenisa izimvo zoluntu sisusela ngowo1 kweyeThupha ukuya kowama31 kweyeThupha 2022.

Uluntu lwasekuhlaleni kunye nabasebenzi bayamenywa ukuba bangenise kumasipala izimvo zabo ngokujoliswe kuMgaqonkqubo oluyilo ongokuThintela uBuqhopholololo nesiCwangciso sokuSabela kwiZenzo zoBuqhopholololo kunye noMgaqonkqubo oluYilo wokuDiza iZenzo zoBuqhopholololo.

Izimvo, isindululo okanye iingcebiso zingangeniswa ngolu hlobo:

- Nge-imeyile: fs.publicparticipation@capetown.gov.za
- Ngeintanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

The City's Public Participation Unit will assist people who cannot read or write, people living with disabilities and people from disadvantaged groups who are unable to submit written comments to have their objections recorded and submitted to the City. Please call 0800 212 176 for such assistance to be provided.

Iyunithi yeSixeko engeNtathonxaxheba yoLuntu iza kunceda abantu abangakwaziyo ukufunda nokubhala, abantu abakhubazekileyo nakubantu abaphuma kumaqela angathathi ntweni abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba izimvo okanye iimbono zabo zibhalwe zize zingeniswe kwiSixeko. Nceda utsalele umnxeba ku0800 212 176 ukuze ufumane uncedo.

Imigaqonkqubo eluyilo iza kufumaneka ukuba ihlolwe kuwww.capetown.gov.za/haveyoursay, kuzo zonke ii-ofisi zebhungana nakuwo onke amathala eencwadi kwiSixeko.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA98/2022

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.